



Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

ISIGABA ESIPHEZULU

IBANGA LESI 9

EYENKANGA 2018

ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA P3 MEMORANDAM

AMANQAKU: 50

Le Memorandam inamaphepha asi - 7.

ICANDELO A: IZINCOKO

UMBUZO

1.1 Inkokheli yombutho wezopolitiko endiyithandayo

Umfundi angachankcatha kwezi ngongoma zilandelayo:-

- Umfundi angabhala isincoko esichazayo okanye esibalisayo
- Igama lenkokheli kunye nombutho eyikhokelayo.
- Achaze izinto okanye izizathu zokuba ayithande
- Anganyathela indlela ekhokela ngayo/ imbeko enayo eluntwini/ inkathalo ngabantu/ ukungasamkeli isinyobo.

(Naziphi izimvo ezisemxholweni ezinokuza nomfundi ziya kwamkeleka)

(30)

1.2 Kwathi kanti sizingqikela ilitye elineembovane

Umfundi angachankcatha kwezi ngongoma zilandelayo:-

- Umfundi angabhala isincoko esibalisayo /esichazayo.
- Angabhala anike intsingiselo ethe ngqo okanye efihlakeleyo.
- Umfundi xa enika intsingiselo efihlakeleyo makabe uyayazi intsingiselo yeqhalo.

(Naziphi izimvo ezisemxholweni ezinokuza nomfundi ziya kwamkeleka) **(30)**

1.3 Utshintsho endinokulenza xa ndinokuba nguMphathiswa wezeMfundo.

Kulindeleke umfundi achankcathwe kwezi ngongoma zilandelayo:-

- Abhale isincoko esinocamngco azibone enguye uMphathiswa wezeMfundo.
- Makavelele achaze iinguqu anokuzenza ukuphuhlisa ezemfundo .

(Naziphi izimvo ezisemxholweni ezinokuza nomfundi ziya kwamkeleka) **(30)**

1.4.1 Kulindeleke umfundi abhale isincoko etolika oko akubona emfanekisweni.

- Angabhala naluphi udidi lwesincoko.
- Kulindeleke anike isincoko sakhe isihloko esifanelekileyo etolika okusemfanekisweni.
- Izihloko ezilindelekileyo ingazezi:- Ukusebenza nzima kunembuyekazo/ Impumelelo/ ekunyamezeleni ukhona umvuzo. Ukusebenzisana kuza nempumelelo..

(Naziphi izimvo ezisemxholweni ezinokuza nomfundi ziyakwamkeleka) **(30)**

1.4.2 Kulindeleke umfundi abhale isincoko etolika oko akubona emfanekisweni.

- Angabhala naluphi udidi lwesincoko
- Kulindeleke anike isincoko sakhe isihloko esifanelekileyo etolika okusemfanekisweni
- Umzekelo wezihloko ezinokuza nabafundi:- Ukubaluleka kweteknoloji/ Izinto ezintle ezenziwa yitekhnoloji/ Ixesha esiphila kulo lifuna itekhnoloji/
- Izinto ezintle nezimbi ezenziwa yitekhnoloji.

(Naziphi izimvo ezisemxholweni ezinokuza nomfundi)

(30)

AMANQAKU ECANDELO [30]

ICANDELO B

2.1 ILETA YENKUTHAZO

- Idilesi enye yombhali weleta.
- Idilesi mayibe nomhla obhalwe ngesiXhosa wokubhalwa kweleta. Umz. 10 Mdumba 2018/ 10 Matshi 2018
- Isibuliso esichanekileyo. Nondumiso endimthandayo
- Intshayelelo- iveze isizathu okanye unobangela wokubhala ileta.
- Isiqu sahlula-hlulwe ngokwemihlathi sinabisa oko bekuvele kwintshayelelo.
- Umhlathi oqukumbelayo.
- Isiphelo esichanekileyo. Umhlobo wakho
Linda /
Ndingumhlobo wakho
Linda /
Ndim
Umhlobo wakho
Linda

(20)

2.2 I-OBHITSHUWARI

- Mawavele amagama akhe namagama abazali bakhe.
- Umhla wokuzalwa kwakhe.
- Ezalelwe phi. Bangaphi kokwabo engowesingaphi yena. (Umnombo womfi)
- Imfundo yakhe.
- Iindawo aphangele kuzo
- Imeko yomtshato.
- Inxaxheba ekuhlaleni
- Umhla wokusweleka nonobangela wokusweleka kwakhe.
- Ushiya bani ngasemva.
- Amazwi okumkhapha.

Qaphela : Indlela ayibhale ngayo i-obhitshuwari yakhe umfundi, umzekelo omnye angasweleka engekaphangeli / engekathati. Masimnike amanqaku ngendlela ayibhale ngayo.

(20)

2.3 I-AJENDA NEMIZUZU

- Makuvele oku kulandelayo kwi-Ajenda:
- Isihloko sentlanganiso/Isihloko sentlanganiso esibonisa ukuba yintlanganiso yantoni.
- Indawo, ixesha kunye umhla wentlanganiso.
- Imiba ekuza kuxoxwa ngayo ngokulandelelana kwayo
- Makuvele oku kwimizuzu:
- Isihloko sentlanganiso
- Umhla, indawo kunye nexesha.
- Mayihambelane ne-Ajenda.
- Ibhalwa kwixesha elidlulileyo.
- Kubhalwa kuphela izigqibo hayi ingxoxo yentlanganiso.
- Ekupheleni kwemizuzu intsayino-gama kanobhala kunye nosihlalo kunye nomhla.

AMANQAKU ECANDELO B: 20
AMANQAKU EWONKE: 50

ICANDELO A

IRUBRIKI YEZINCOKO

Imiqathango	Egqwesileyo 14-15	Esemagqabini 11-12	Eyanelisayo 8-9	Eyinxalenye 5-6	Engaphumelelanga 0-3
UMXHOLO NOCWANGCISO 15	-Impendulo yomfundi igqwesile. inomtsalane ngaphezu koko bekulindelekile. -Isincoko usicwangcise ngokugqwesileyo. -Impendulo elungelelaniswe ngokugqwesileyo enothungelelwano ukuquka intshayelelo, isiqu nesiphelo.	-Impendulo yomfundi isemagqabini. -Ixonkxwe ngobugcisa. -Isincoko sicwangcise ngokusemagqabini. -Izimvo zihambelana gingci nomxholo. -Ilungelelaniswe kakuhle iyathungelana ukuquka intshayelelo, isiqu nesiphelo.	-Impendulo eyanelisayo. -Izimvo ziyathungelana noko ziyaqinisekisa ngokusemholweni. -Ilungelelaniswe noko kwaye iyathungelana kuquka intshayelelo, isiqu nesiphelo.	-Impendulo ayinathungelwano lungqinelayo. -Izimvo azicacanga kakuhle. -Buncinci ubungqina bolungelelwano nothungelwano lweengcamango.	-Impendulo ayihambelani nomxholo kwaphela. -Izimvo ziyabhidisa kwaye azingqamananga nomxholo. -Izimvo azilungelelaniswanga kwaye azithungelani
	13	10	7	4	
	-Impendulo igqwesile. -Izimvo ezivuthiweyo neziqisiweyo. -Izimvo zilungelaniswe ngobugcisa zinothungelelwano kuquka intshayelelo, isiqu nesiphelo.	-Impendulo ixonkxwe kakuhle. -Izimvo ziyahambelana zinomdla. -Ilungelaniswe kakuhle iyathungelana kuquka intshayelelo, isiqu nesiphelo.	-Impendulo iyanelisa kodwa inezikhewu kwingcaciso. -Izimvo ziyanamathelana ngokwanelisayo kuquka intshayelelo, isiqu nesiphelo.	-Ubukhulu becala ayihambelani nomxholo. -Izimvo zibonakalisa ukungahlangani nokubhidisa. -Phantse bungabikho ubungqina bolungelano.	
ULWIMI ISIMBO SOKUBHALA NOKUHLELA 10	8-10	6-7	4-5	2-3	0-1
	-Ulwimi lugqwesile kwaye lusetyenziswe ngokuzithemba. -Luyachukumisa ngokugqwesileyo. -Ithoni idlwengula umxholo. -Phantse kungabikho nasinye isiphene segramu nopelo.	-Ulwimi luchanekile kwaye ithoni isetyenziswe ngokufanelekileyo, ngokuchanekileyo nangokuzinzileyo. -Ubukhulu becala akukho ziphene kwigramu nopelo. -Sixonkxwe kakhulu kakhulu.	-Ulwimi lusetyenziswe ngokufanelekileyo ukudlulisa umyalezo. -Ithoni ifanelekile. -Izixhobo zolwimi zisetyenziswe ukuphuhlisa nokuphucula umxholo.	-Ulwimi lusetyenziswe ngendlela ebuthathaka. -Ithoni nochongo magama azifanelekanga. -Isigama sinqongophele kakhulu	-Ulwimi alunantsingiselo. -Ukusetyenziswa kwesigama kunqongophele ngokubaxekileyo de ungakwazi okubhaliweyo..

	5	4	3	2	0- 1
ISAKHIWO 5	-Isincoko sikhuliswe ngokugqwesileyo. -Izivakalisi ,imihlathi zakhiwe ngokugqwesileyo	- linkcukacha ziyathungelana - Ukwakhiwa kwezivakalisi nemihlathi kuyahambelana kwahluka-hlukene.	-Izivakalisi, imihlathi zakhiwe kakuhle. -Isincoko sisemxholweni.	-Kukho amanqaku asemxholweni. -Izivakalisi nemihlathi zineemposiso.	-Isincoko siphume kwaphela emxholweni. -Ulwakhiwo lwezivakalisi nemihlathi lubhutyu-bhutyu.

IMIQATHANGO	AMANQAKU	ISIKHOKELO SOLWABIWO LWAMANQAKU			
A. UMXHOLO NOCWANGCISO	15				
B. ULWIMI, ISIMBO SOKUBHALA NOKUHLELA	10				
C. ISAKHIWO	5				
		A	B	C	EWONKE
		0-15	0-10	0-5	
		15	10	5	30

(30)

**ICANDELO B: IMIHLATHI
RUBRIKI YEMIHLATHI**

Imiqathango	Egqwesileyo 10-12	Esemagqabini 8-9	Eyanelisayo 6-7	Eyinxalenye 3-5	Engaphumelelanga 0-2
UMXHOLO NOCWANGCISO NEFOMATHI 12	-Impendulo yomfundi igqwesile, inomtsalane ngaphezu koko bekulindelekile. -Ulwazi olunzulu ngeempawu zohlobo lomhlathi obhaliweyo -Icaciswe nzulu kwaye zonke iinkcukacha ziyasixhasa isihloko. -Ifomathi yamkelekile kwaye ichanekile.	-Impendulo yomfundi isemagqabini. -Ubhalo lusemxfholweni.. -Ukuthungelana komxholo nezimvo kucaciswe kakuhle kakhulu kwaye neenkukacha zixhasa isihloko. -Ilungelelaniswe kakuhle	-Impendulo eyanelisayo ebonisa ulwazi olululo ngeempawu zodidi lomhlathi. -Ayikho semxfholweni ngokupheleleyo. -Ubukhulu becala ifomathi ifanelekile kodwa kukho iziphene ezingephi.	-Kubonakala ubunzima malunga nolwazi lweempawu zolu didi lwetekisi. -Zimbalwa iinkcukacha ezixhasa isihloko. -Imigaqo engundoqo yefomathi ityeshelwe.	-Impendulo ibonakalisa ukunqongophala kolwazi ngeempawu zodidi lomhlathi. -Impendulo ayikho semxfholweni kwaphela. -Ayisetyenziswanga imigaqo eyimfuneko yefomathi.
ULWIMI ISIMBO SOKUBHALA NOKUHLELA 08	7-8 -Ulwimi lugqwesile kwaye lusetyenziswe ngokuzithemba. -Luyachukumisa ngokugwesileyo. -Ithoni idlwengula umxhelo. -Phantse kungabikho nasinye isiphene segramu nopelo.	5-6 -Ulwimi luchanekile kwaye ithoni isetyenziswe ngokufanelekileyo, ngokuchanekileyo nangokuzinzileyo. -Ubukhulu becala akukho ziphene kwigrama nopelo. -	3-4 -Ulwimi lusetyenziswe ngokufanelekileyo ukudlulisa umyalezo. -Ithoni ifanelekile. -Isigama esaneleyo. -Iziphene aziyichaphazeli intsingiselo.	0-2 -Ulwimi lusetyenziswe ngendlela ebuthathaka. -ukusetyenziswa kolwimi ngokungachanekanga kubangela iziphene ezibaxekileyo. - Intsingiselo ilahlekile.	

IMIQATHANGO	AMANQAKU	ISIKHOKELO SOLWABIWO LWAMANQAKU		
A. UMXHOLO UCWANGCISO NEFOMATHI	12	A.	B.	EWONKE
B. ULWIMI, ISIMBO SOKUBHALA NOKUHLELA	8	0-12	0-8	
		12	8	20
Amanqaku ewonke	20			

Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha